Imbongi ye Sizwe Jikelele: *Imvo Zabantsundu* (19 April 1927), page 3

**Umfi u Fred Jonas**

"UKUFA YINZUZO."

Kuvakele ezindlebeni zam ukuba ngosuku lwesixenxe kuyo lenyanga yo Kwindla (7th March 1927) kunduluke ngenkonzo endala, nezuke kunene yo Kufa, i-Tshawe, ewe, inkosana yakomkulu kulo Ntlushe, kuma Hleke, egama lingu Fred Jonas, into ka Balelo ka Vazi ka Bini, ka Hleke. Kutiwa ufe kukuma kwentliziyo, akuba seleminyaka ima 76 esidla ubom. Uswelekele endlwini yake, kwa Brownlee Mission e Qonce, eshiya inkosikazi nentokazi zone, wancwatywa ngumfundisi wake u Rev. M.H. Wilson, intombi zake enye ngu Mrs Nkowane, oyi Deacon e Tshetshi e Graaff Reinet, enye ngu Mrs. Mbovu Memani e Tshabo, kwa Ndlambe, ezimbini zisesekaya o Beatrice Noluteku no Miriam.

Ukuqala kwam ukumbona umfi lo, koko sasi pantsi kwe "Eagle Printing Press Co., Ltd.", (Izwi Labantu) e Monti; ndandisemtsha kakulu nga lomihla, zibaniwe ndinembeko kodwa yokuba ngum-Hleli wesi Xosa, pantsi kwe Ngqomb' o Nosantso, u Mnqayi wo mlungu yi rayifile (A.K.S.). Umfi lo waye yi Compositor (umcolacoli-magama) nompati welitye lokushicilela. Wayesel eyindodana yena ete vetshe, koko bendingayiqondi kakulu lonto ngenxa yemvisiswano esibe sinayo, - umfo enobuncoko obuhlekisayo obude bayakuma ezimbambeni zokuxoka. Imfundo yoshicilelo uti wayifumana e Lovedale ngemihla yamzuzu, ekunye nento zo Ntshona u James, waquba lomsebenzi ke kwindawo ngendawo.

Sibuye sapinda sakunye kwi Ofisi ye "Mvo" ngexesha endati ndane mbeko yokucelwa ngu Mhleli wayo u J.T. Jabavu, ukuba ndimbambise ngexesha lokupelelwa kwake ngama ndla ngenxa yokugula. Sasisavana ngokoko no Ngxukumeshe; kuba elo ligama lake endibe ndimbiza ngalo, noko ndandingalazi invelapi, elinye ingu Sinqeketo, elo elitiywa zizihlobo zake ngokusuke ati i crown asiso sitsaba, 'sisinqeketo' kuba isitsaba siba semlenzeni atsho enyanisile.

Pakati kwenteto zake zobuncoko ubesakutsho futi ukuti: - "Mhla ndifayo mna niyakuze nibone ukuba kuhle, nokuba lula kokufa ko Mkrestu." Abebeko ababulibali ubunyaniso balonteto. Ndamgqibela mna kwintsuku ezitile ezadlulayo engumalusi wemazi zake ezibomvu zenkomo, - endandimana ukuti mna kuye: "Ukweyona nyongo yemfundo ke ngoku Ngxukumeshe." Vuma ndiyipete lenteto Mhleli ngalemigcana:

Hamba naye Kufa!

Hamba naye Kufa!

Goduka naye ngemihlali;

Kuba namhl' utwel' inkosi, -

Utwel' i Tshawe lakulo Mtshiza!

U Pandul' impilo ngokwe nkunz' enkuku,

Int' esebenz' intsimbi ngemilingo;

Isuk' izipandapand' iti kuzo mazitete, -

Suk' intsimbi zitet' int' ezinkulu zokupila,

Zokupila kwesizwe nohlanga lupela.

Hamba naye Kufa!

Hamba naye Kufa!

Ngumafungwa zintombi zakwa Hleke,

Umafungwa ngama Ntlushekazi;

Intombi zo Tatu nezo Vazi ziti “yena.”

Ezo Bini nezo Mabona ziti “yena."

Ezo Tshaka nezoJwara zikwati “yena.”

Ziti yena ntam' isinqokoto!

Ziti yena matang' anembobo!!

Ziti yena wakwa Butsolo-bentonga!

Hamba naye Kufa!

Hamba naye Kufa!

Kodwa mha dad' et' uyakundixelela, -

Uyakuti “shu - u - u!” lingekapum' ilanga;

Tina ma Xos' asibantu bafayo;
Asibantu ba-kufa sibantu boku pumla;
Sibantu ba Ntlanzamzi ne Zila.
Sibantu ba gazi lankomo litetayo;
Sibantu babu moya babu Londekaya[1], -
Liyasazi tina nelo labafileyo!

Hamba naye Kufa!
Hamba naye Kufa!
Ngale ncwadi yakowetu sibona lukulu,
Asina lahleko ngokufika kwako;
Elolizwi "maligxotwe" bemi bomhlaba,
Licitwe, lilahlwe lilulahlekiso;
Maligwetywe lisakaswe lisidl' ixesha!
Ukufika ko Kufa "Yingenel' enkulu,"
Yinzuzo no Mancedi nokupakanyiswa,
Kwabafund'incwadi zobuzwe nohlanga!

Hamba naye Kufa!
Hamba naye Kufa!
Siyakuza ma Tshawe noko senjenjalo,
Nisakuva[2] siqavata kukuhlala kwetu,
Sitet' into buncokola kant' izikile.
Taru Nkosikazi!

---

[1] Londekayo
[2] Nasakuva

Taruni Makosazana!

Taruni Zinzwakazi!

Siyanikiiza!

Siyanitutuzela!

Sibik'omotuko we Sizwel!

Ncincilili!!!